## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.


Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – K.S. BONGELA

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 EMlazi √ (1)

1.1.2 UNomakhwezi unyanzelisa ukuba udadobawo wakhe uYolisa aze kuncedisa kwivenkile yabo, uLungile yena akayingenanga loo nto. √√ / ULungile ebefuna ibe ngumntakwabo uThamsanqa oza kuncedisa evenkileni yabo kuba efuna umntu oyindoda oza kukwazi ukuphakamisa imithwalo esindayo. √√ (2)

1.1.3 Wayefutha ngathi lirhamba. √ (1)

1.1.4 Wayesithi umyeni wakhe uyathandana unentombi ahamba nayo ehotele. √/ Wayesithi uthandana nonkosazana Mebhelina Ntuthu √/ Wayesithi abantu bathi ivenkile yabo iduru baza kuyeka ukuthenga kuyo. √/ Wayesithi kuthiwa bathengisa izinto zomgunyathi evenkileni yabo. √ /Abanye babenyemba impahla abayithengisayo. √/ Babesithi ikhona into ayiyelayo kwaMashu, akayi kuSigwali umhlobo wakhe owayenevenkile. √
[Nasiphi isibini kwezi zingentla.] (2)

1.1.5 Ingcinga yokuba uLungile ngumntu ongazihluphi ngayo yonke imfitshimfitshi. √√ / Ngumntu ongafaki yonke into le engqondweni yakhe. √√ / Ngumntu ongayikhathalelenga yonke le nto ithethwa nguNomakhwezi. √√ (2)

1.1.6 Wayefuna ukumtshabalalisa ngokumxabanisa nomyeni wakhe kuba wayefuna laa venkile yabo. √√ / Wayefuna itshone ivenkile ukuze bafumane isiqinisekiso sevenkile ze bayithengise bona bayithenge. √√ (2)

1.1.7 Kuba usebenzise amazwi athi: “Ndiyakukrokrela ngathi ikho le ishiya ezinye. √√ / Usebenzise amazwi athi, olu gwebu unalo luyakuphambanisa. √√ (2)

1.1.8 Ayichanekanga le nkcazelo. UThamsanqa weza yedwa ukuza kuncedisa evenkileni kaLungile, usapho lwakhe wayelushiye emzini wakhe. √√ / ULungile wathi kuThamsanqa makalushiye usapho lwakhe amane elutyelela lakuvela ithuba. √√ / Wathi uLungile angaluthumela emva kowabo eLusikisiki. √√/ ULungile wathi angazama ukubafunela indawo apho eLusikisiki. √√
[Nayiphi na enye kwezi.] (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.1.9 Zange aphumelele. UNomakhwezi wayenguzwilakhe engazimameli neengcebiso zikadadobawo wakhe. √√ / UNomakhwezi wayengafuni ukumamela umntu ongatshatanga, wayemjongela phantsi ngenxa yaloo nto engenakucetyiswa nguye. √√ (2)

1.1.10 Sifundisa ukuba akulunganga ukumamela iindaba ozithuthelwayo ngomyeni wakho kuba zingawutshabalalisa umtshato wenu. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Bathenga ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande, baze ootsotsi babanjwa. √√ (2)

1.2.2 Yaphelela emoyeni √√ / zange ihambele ndawo. √√ (2)

1.2.3 Linika umfanekiso-ntekelelo wokuba amagqwetha zange abe namhlaba wokubathethelela ngenxa yokungabikho kobungqina kuba iincwadi zemvumelwano phakathi koSondlo noMosia zazilahlekile. √√ (2)

1.2.4 Waphela ebanjwa naloo mfazi wakhe, baze bathi bakukhululwa ngenxa yokungabikho kobungqina batshiswa naloo mzi wabo zizizalwana zootsotsi ababebathengile. √√ (2)

1.2.5 Sityhila inkohlakalo enzulu. √√ / Unentliziyo engcolileyo ebonisa ukuba angenza nantoni ukuvisa omnye umntu ubuhlungu. √√ (2)

1.2.6 Ukuyondelelana kwezinto. √ (1)

1.2.7 (a) (ii) / uThembisa √

(b) (iv) / uMalungisa √

(c) (iii) / uYolisa √ (3)

1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo. √ (1)

1.2.9 Ewe saba sisigqibo esifanelekileyo kuba eso sibhedlele saba luncedo kubantu bezo lali zeLusikisiki. √√ /

Hayi yaba sisigqibo esingafanelekanga kuba uMpumelelo zange akhulele eLusikisiki, wayengazi mntu phaya, wayenokungafumani nkxaso kuluntu lwaphaya. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – P.M. NGANI**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 7B Ndende Stalato √/ eNdende. √ (1)

2.1.2 Wayeyokuphanda ngokufa kukaEddie noLulama. √√/ Wayeyokufuna ubungqina obunokuthi bumkhokelele kunobangela wokufa kukaEddie noLulama √√ (2)

2.1.3 Ibe ngamasososo. √ (1)

2.1.4 Umpu oyi 38 *Automatic* owadubula uEddie ngumpu kaLinda owalahlekayo √/Imitshithi yamatayara emoto azi –*roadmasters* eyayishiyeke kwindawo ekwabulawa kuyo uEddie yayifana namataya emoto kaLinda. √Idyasi yeminki eyayinxitywe linenekazi elalikumboniso bhanyabhanya ngomhla wokubulawa kuka Eddie eyayifana nqwa nekaLinda. √/ Ileta eyafunyanwa kwaEddie nguHlobo ibhalwe nguLinda ngobusuku bokusweleka kukaEddie. [Nasiphi isibini kwezi zingentla.] (2)

2.1.5 Ingcinga yokuba amapolisa awafumananga bungqina ubungancedisana naye ukufumana ababulali bakaEddie. √√ (2)

2.1.6 Wayefuna ukuya kujonga ukuba akekho na omnye umntu owayekhe wathenga idyasi yeminki efana nekaLinda apho eFemina House emva kokuba exelelwe nguJoe Bumba ukuba ela nenekazi labonwa ebhayaskophu lalinxibe idyasi efana nekaLinda. √√ (2)

2.1.7 Ukunyamezela kwakhe uHlobo kuvuzwe ngento ephathekayo. √√ (2)

2.1.8 Ayichanekanga le nkcazelo kuba uEddie wabulawa ngamalungu aseMoonglow emveni kokuba bengavumelananga ngomcimbi wokuthengiswa kwentsangu eMoonglow. √√ (2)

2.1.9 Ewe waphumelela kuba wafumana ulwazi olwamkhokelela kobona bungqina apho yayikhona itape recorder igcinwe eAll Safe Bank. √√ (2)

2.1.10 Sifundisa ukuba kulumkele ukuphandwa ngosapho lwakho kungenzeka ukuba loo mntu umbaliselayo unezinye iinjongo ngokufuna olo lwazi. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 Wayefuna ukuba kubekho ubungqina obuphathekayo bengxoxo eyayiphakathi kwakhe namalungu aseMoonglow kuba ayesele emthembise ngokumbulala ukuba akavumi kuthengiswe iintsangu eMoonglow. √√ (2)

2.2.2 Wayengenalo nosizi oluncinci. √√/ wayengabaqheliseli tu / √√ wayengahleki nabo. √√ (2)

2.2.3 Umfanekiso-ntekelelo wabantu abaneentloni ngesenzo sabo. √√/ Abantu abaxakwe nakukujonga abantu ngenxa yeentloni nokuhlazeka. √√ (2)

2.2.4 Amalungu aseMoonglow aye amgrogrisa ngokumbulala ukuba akavumi kuthengiswe intsangu, ade amnika iinyanga ezintathu ukuba aphendule,zithe zakuphela ezo nyanga engabaphenduli ngohlobo abafuna ngalo bambulala. √√ (2)

2.2.5 Sityhila ukunyaniseka kothando nobuhlobo bakhe kuEddie. √√ (2)

2.2.6 Uvuthondaba. √ (1)

2.2.7 (a) (iv) / uMakheswa √

(b) (iii) / uLulama √

(c) (ii) / uNkosikazi Hobe √ (3)

2.2.8 Yinoveli engolwaphulo-mthetho. √ (1)

2.2.9 Ewe saba sisigqibo esifanelekileyo kuba lulwazi olufumaneke kwitape recorder lwenza ukuba kuviwe zonke iinkcukacha ezikhokelele ekubulaweni kwakhe. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 3**

**UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Ibanga lesibhozo. √ (1)

3.1.2 Wayothuswe kukubona amantombi atshayayo. √√ (2)

3.1.3 Ngumsila lo √ (1)

3.1.4 Waphela etshaya kwaye esela njengazo. √/Watshona ibanga lakhe. √ /Wayeka isikolo. √/ Wamitha wemka noJoe. √
[Nasiphi isibini kwezi zingentla.] (2)

3.1.5 Ingcinga yokuba le ntombi izithembile. √√ / Ayoyiki ngokoyikiswa √√ (2)

3.1.6 Iinjongo zakhe yayikukufuna ukukhuselwa zezi ntombi ekukhwelweni ngabanye abafundi basesinaleni. √√ (2)

3.1.7 Izibilini zehla kuHlubikazi. √√ (2)

3.1.8 Ayichanekanga le nkcazelo kuba uHlubikazi wasiyeka isikolo wemka akaziwa nalapho aye kutshona khona kanti kuloko waya kuhlalisana notata womntwana uJoe eMlazi √√ (2)

3.1.9 Hayi zange aphumelele, endaweni yokuba abaqeqeshe ngendlela yokuziphatha wasuka wagxininisa kwinkangeleko yabo yangaphandle. √√ (2)

3.1.10 Sifundisa ukuba ulutsha malukwazi ukuthi “Hayi” kubahlobo xa bebangenisa kwizinto ezingalunganga kuba xa bengenzi njalo bangazifumana besengxakini. √√ / Sifundisa ukuba ulutsha maluzigcine iimfundiso zabazazali nokuba abekho phambi kwabo kuba xa lungenzi njalo lungazifumana lusengxakini. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Kwadilika isakhiwo selinye lamashishini akhe ngenxa yobudala baso, kwaza kwenzakala abantu abaliqela ababengaphakathi kuso ngelo xesha. √√ / Kwafika amadoda aseburhulumenteni ezokudenda zonke izakhiwo zakhe kuba esithi ziyingozi ebantwinini. √√ (2)

3.2.2 Waxakwa ukuba makathini. √√/ Wamelwa yingqondo. √√ (2)

3.2.3 Umfanekiso-ntekelelo womntu obhebhethayo √√ / womntu ongafuni nokuva ngaloo nto kuthethwa ngayo. √√ (2)

3.2.4 Kukuthunyelwa kwamagosa karhulumente ukuba aze kuwadenda onke loo mashishini akhe kuba esithi madala kwaye ayingozi ebantwini. √√/ Kwafuneka ukuba amelane nesigqibo sikarhulumente sokuwathimba ukuba akakwazi ukuwalungisa ngexesha alimiselweyo. √√ /kukuba azame amelane nenkcitho awayengayifuni yokwakha ngokutsha loo mashishini akhe kuba ayengenayo nengeniso engako. √√ (2)

3.2.5 Sityhila ukungoyiki kwakhe ukumelana noxanduva nokunyaniseka kwakhe kuThandabantu. √√ (2)

3.2.6 Ukuyondelelana kwezinto. √ (1)

3.2.7 A (ii) / uZangone √

B (iv) / uGcinumzi √

C (i) / uHlubikazi √ (3)

3.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo. √ (1)

3.2.9 Saba sisigqibo esifanelekileyo kuba uThandabantu waye wabona amashishini akhe njengobudoda bakhe ngoko wayengenakuvuma athengiswe. √√/Saba sisigqibo esifanelekileyo kuba uThandabantu waye ewabona njengentsebenzo yakhe yeminyaka loo mashishini kungoko kwakunzima ukuba avume athengiswe. √√/

Saba sisigqibo esingafanelekanga, kuba ukuba wayevumile athengiswe loo mashishini akhe ngekwakungadanga kufike amagosa kaRhulumente aze kudenda izakhiwo zamashishini akhe. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA

### ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 NguLiziwe. √ (1)

4.1.2 Ubizelwa ukubuzwa ngale nto esela ngexesha lesikolo / ethuma umntwana utywala ngexesha lesikolo. √√ (2)

4.1.3 Lungis'umlomo. √ (1)

4.1.4 Waba linxila njengoNdila efakwa etywaleni nguJerry owayesebenzisana noNdila. √ Wagxothwa emsebenzini ngenxa yokunxila ngexesha lesikolo. √ Watyelwa mali nguFuneka noZanele bamshiya eyimpula kalujaca. √

**[Nasiphi isibini kwezi zingentla.]** (2)

4.1.5 Ingcinga yokuba uNdila akasoze avume ukuba abe yinto anyuka ngayo emsebenzini wakhe uLoni. √√ (2)

4.1.6 Iinjongo zikaNdila yayikukuba atyelwe imali uMawonga nguZanele noFuneka bamshiye eyimpula kalujaca. √√/ Yayikukuziphindezela kuMawonga ngenxa yokuba esithi umgxothisile emsebenzini. √√ (2)

4.1.7 Manene sanukuthi nakudinwa ndim kwesi sikolo nindombele ingcwaba ndijongile. √√ (2)

4.1.8 Ayichanekanga le nkcazelo kuba uNdila wathenga uMadala ongusihlalo wekomiti yesikolo ukuba amthethelele angagxothwa emsebenzini. √√ (2)

4.1.9 Ewe waphumelela kuba uthe akubalinxila uMawonga Loni wagxothwa emsebenzini waze uMaziko yaba nguye inqununu yesikolo. √√ (2)

4.1.10 Sifundisa ukuba umntu makawuxabise umsebenzi wakhe angenzi izinto ezinxamnye nomthetho kuba angaphulukana nomsebenzi wakhe. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA H

4.2 4.2.1 Unyanzeliswe ngamalungu ekomiti ukuba arhoxe ngenxa yokunxila ngexesha lomsebenzi nokuthuma umntwana wesikolo ukuba amthengele utywala ngexesha lesikolo. √√ (2)

4.2.2 Wancama √√ / wanikezela. √√ (2)

4.2.3 Makwenziwe into ngale nto ingayekwa nje. √√ / Makubekho intshukumo eyenziwayo ngale nto. √√ (2)

4.2.4 UNdila waye wazama icebo lokuziphindezela kuMawonga ngokuthi amngenise etywaleni, waza wamdibanisa noZanele, watyelwa imali, waphela ephulukana nomsebenzi wakhe kuba ebelinxila eliphangela kakubi naye. √√ (2)

4.2.5 Sityhila ukunyaniseka nokusebenzisana kwakhe nabantu bomthetho. √ (2)

4.2.6 Ukuyondelelana kwebali. √ (1)

4.2.7 (a) (iv) / uZanele √

(b) (i) / uNomadinga √

(c) (iii) / uZingiwe √ (3)

4.2.8 Yintlekele / siyolisi √ (1)

4.2.9 Ewe saba yimpindezelo eyiyo kuba babanjwa ngenxa yokuba balahla isidumbu sikaMawonga emfuleni baza bagwetywa. √√ (2)

**[35]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA: M. MLOKOTI**

**ISICATSHULWA I**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | NguDina √ | (1) |
| | 5.1.2 | UThambolenyoka wamhluthela ubuntombi bakhe. √√ | (2) |
| | 5.1.3 | La mnyiki √ | (1) |
| | 5.1.4 | Waxuthelwa ubuntombi bakhe nguNyoka. √/watyiswa iziyobisi/ umgubo omhlophe. √/wamitha, waze wagxothwa nguNyoka. √ [Nasiphi isibini kwezi zingentla.] | (2) |
| | 5.1.5 | Ingcinga yokuba uThambolenyoka ngumntu okhohlakeleyo ongenalo nosizi ngomnye umntu. √√ / ongenabuntu ocingela yena yedwa. √√ | (2) |
| | 5.1.6 | Wayefuna ukuba athi xa ebuya, abuye kukho amaxhoba amatsha abawafumeneyo okuxhatshazwa kuba esithi eMtata amantombazana amsebenzelayo phaya akahlelanga phezu kwezinqe zawo ayasebenza akadlali nabo ke ulindele ukufika umsebenzi wabo ubonakala. √√ | (2) |
| | 5.1.7 | Wasihlutha ubuntombi bethu sonke laa mnyiki. √√ | (2) |
| | 5.1.8 | Ayichanekanga le nkcazelo kuba uNoyongo wamcenga uNyoka ukuba angamgxothi uDina kuba esithi akaphilanga kwaye ungenwe kakhulu ziziyobisi ufuna uncedo kwaye ukhulelwe wade walila uNoyongo xa uNyoka engafuni nokuva ngokugcina uDina kuba esithi akasebenzi ngabantu abamithiyo yena. √√ | (2) |
| | 5.1.9 | Ewe waphumelela, kuba uzizamile zonke iinzame zokuqeqesha nje ngaye nawuphi umzali koko uDina zange amamele. √√/<br><br>Hayi akaphumelelanga kuba noDina watsho ukuba umama wakhe uvele ayenze yonke imisebenzi enje ngokucoca igumbi lakhe, endwaweni yokuba amenyaneke ukuba azenzele. √√ | (2) |
| | 5.1.10 | Sifundisa ukuba ukungamameli abazali kuba neziphumo ezibi kuba uDina waphela edlwengulwa, watyiswa iziyobisi waze wamitha. √√ | (2) |

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ISICATSHULWA J

5.2 5.2.1 Wayecinga ukuba uDina ufuna ukuziphindezela kuNyoka ngokutshabalalisa ikamva lakhe nelamanye amantombazana. √√/ Wacinga ukuba wayeza kuziphindezela kuNyoka ngenxa yokumdlwengula, amtyise neziyobisi, ze athi akumitha amgxothe. (2)

5.2.2 Sincokole √√/ sixoxe bucala. √√ (2)

5.2.3 Umfanekiso-ntekelelo wokuba uZanoxolo ngumntu omdala ozaziyo izinto engakhange axelelwe ngazo. √√ / Akalindelanga kuxelelwa ukuze abe kanti uyayazi into, amava akhe ayamxelela. √√ (2)

5.2.4 Waye wamitha, waza wabalekwa nguloo mfundisi kwaze kwafuneka azikhulisele umntwana ngaphandle koyise. √√ (2)

5.2.5 Sityhila ukuba ungumntu ohambisanayo nomthetho kwaye ofuna kubanjwe umenzi wobubi ngendlela ehambisana nomthetho. √√ / Ungumntu ongoyikiyo ukulwela ulwaphulo–mthetho. √√

**[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.]** (2)

5.2.6 Ukuyondelelana kwebali. √ (1)

5.2.7 (a) (iii) √ /uMkhefa √

(b) (iv) √ / uMacebo √

(c) (i) √ / uMbotoloshi √ (3)

5.2.8 Yintlekele siyolisi √ (1)

5.2.9 Ewe saba sisigqibo esifanelekileyo kuba benza icebo lokwenza ngathi bayabulawa abasebenzi bakaNyoka kanti bayabagcina kwindawo ekhuselekileyo ngeenjongo zokuba bonke babe ngamangqina ngokuxhatshazwa kwabo nguNyoka ukuze uNyoka abe uyagwetywa. √√

Hayi yaba sisigqibo esingafanelekanga kuba akulunganga ukunyanzela abantu ukuba babe ngamangqina enkundla, lilungelo labo ukuzithathela isigqibo. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – E.Z GUQA

### ISICATSHULWA K

6.1 6.1.1 Madam √ / MaDosini √ / Mqhorhana. √ (1)

6.1.2 Kungenxa yokuba wayesenza izimbo zabantu ababhinqileyo, ezinje ngokunxiba amacici ayokozelayo, ukoluka iinwele nokuqaba imilebe bomvu. √√ (2)

6.1.3 Uyibethisa ngomoya. √ (1)

6.1.4 Iintanga zakhe ezingamakhwenkwe zazimtyhilizela kude kuzo zisithi ngubafazini. √ Wayephethwe kakubi ngamakhwenkwe elali kuba efuna naye enze imikhwa efana neyawo. √ Kwathiwa makahambe eSkhobeni kuba uza kufundisa abanye abantwana imikhwa emibi. √ [Nasiphi isibini kwezi zingentla.] (2)

6.1.5 Ingcinga yokuba amadoda ayecaphuka √√ / ayenomsindo, ecaphuka yimpendulo kaMntuyedwa. √√ (2)

6.1.6 Wayefuna umfundisi athethelele unyana wakhe. √√ / wayefuna amcengele kubantu baseSikhobeni ukuba bangamgxothi unyana wakhe. √√ (2)

6.1.7 Indod'empuluswa. √√ (2)

6.1.8 Ayichanekanga le nkcazelo kuba uMntuyedwa wemka apho eSikhobeni kuba nonina emkhuthaza kuba wayesoyikisela ukuba ade abulawe ngabahlali. √√ (2)

6.1.9 Kunjalo zange aphumelele kuba nangona wade waya kumfundisi nalapho zange afumane ncedo, umfundisi kwacaca ukuba uhambisana nesigqibo samadoda elali sokuba makagxothwe waba ke uyemka uMntuyedwa eSikhobeni. √√ (2)

6.1.10 Sifundisa ukuba abantu mababamkele abantu abadalwe ngokwahlukileyo kubo ngokwesini bangabagwebi. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA L**

**NDAKUYICELA IVUTHIWE – EZ GUQA**

6.2 6.2.1 Unina wayevuya kuba eqonda ukuba ukumka kukaNokwanda esiya emzini akushiyanga sikhewu kwikhaya labo. √√ (2)

6.2.2 Ukufakwa entweni ebiqalwe ungekho. √√ (2)

6.2.3 Ukucingisisa / ukunambitha loo nto uyixelelwayo, ngelo xesha uyixelelwa ngalo. √√ (2)

6.2.4 Wakhalalwa ngamadoda akwaNdlambe ngesenzo sakhe,
Waza wathi wakuxakwa yintombi ebezikhethele yona wabuyela kwakwaba bantu angazange abafake kwiingxoxo zelobola, efuna uncedo kubo. √√ (2)

6.2.5 Sityhila ukuba akawahoyanga amasiko akhe. √√/ akabaxabisanga abantu abadala bekhaya lakhe. √√ (2)

6.2.6 Ukuyondelelana kwebali √ (1)

6.2.7 (a) (iii) √ / Nozukile √

(b) (iv) √ / Nokwanda √

(c) (ii) √ / Mluleki √ (3)

6.2.8 Libali elingemiba yentlalo. √ (1)

6.2.9 Ewe yaba sisigqibo esifanelekileyo kuba umfazi ngowakhe, kula maxesha siphila kuwo umntu unelungelo lokuzenzela izinto zakhe ngohlobo athande ngalo. √√/

Hayi zange ibe sisigqibo esifanelekileyo kuba amadoda amadala ekhaya zange axole sisenzo sakhe kwaye naloo mfazi waziphatha ngendlela athanda ngayo waza wamshiya akamazi nokuba waya kutshona phi na. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S MAPUTI

7.1 7.1.1 Ngubawo. √ (1)

7.1.2 Ukudala isingqisho. √√ (2)

7.1.3 Ngesithomo. √ (1)

7.1.4 Isitanza 1 sinemiqolo emine, isitanza 2 sinemiqolo emihlanu. √√ (2)

7.1.5 Ukuhlabanisela ngosiba. √
Ukuvika ngomthandazo. √ (2)

7.1.6 Umqolo 24 uthetha ukuthi bedumisa ngokucula iingoma zenkonzo. √√ (2)

7.1.7 Wayilandela √√/ waya kuyikhangela. √√ (2)

7.1.8 (a) Sisifaniso √ (1)

(b) Siphuhlisa ukuba ubawo waleqeka emva kwale ntombi akayiyeka. √ (1)

7.1.9 Wakha watsholo ezantsi / wasebeza ecela uthando kule ntombi. √√/ wakhe wazicengela. √√ (2)

7.1.10 Izama ukuqaqambisa ukufaneleka kwale ntombi xa ixhentsa phakathi kwezinye iintombi. √√ (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

7.2 7.2.1 Sikubhotisa. √ (1)

7.2.2 Ithetha ukuthi ilanga laseKwindla alitshisi kakhulu. √√ (2)

7.2.3 Ukuncoma √ (1)

7.2.4 Imfano-zandi √ (1)

7.2.5 Sisaci. √ Kwabo bangonqeniyo ukusebenza. √/ Kwabo bangengomavila √ (2)

7.2.6 Lixesha lokuba umntu atye ngenxa yokusebenza kwakhe. √√/ avune iziqhamo zomsebenzi wakhe. √√ (2)

7.2.7 Izisu zabantwana eziyimipatsiya zikhutshwe ngaphandle. √ (1)

Isigezo siqatsele. √ (1)

7.2.8 Umxhaxha √ isophu √ ibhaqolo √ neenkobe zombona omtsha. √
[Nasiphi na isibini kwezi zingentla.] (2)

7.2.9 Luxwesiso. √ (1)

7.2.10 Ngumbongo oncomayo. √
Imbongi incoma ixesha laseKwindla. √ (2)

7.2.11 Umoya wembongi wonwabile. √ (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



Hosted by www.ecexams.co.za.